

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IBANGA 1

IsiCwangciso sokuFundisa sikaZwelonke esiHlaziyiweyo 2021

ISIKHOKHELO SOKUSETYENZISWA KWEKHARITYHULAM EHLENGA -HLENGISIWEYO YEELWIMI KWISIGABA ESISISISEKO:

Nceda uqaphele oku kulandelayo:

1. Ikharityhulam ihlenga-hlengisiwe ukuze ijongane neengcinga ezingundoqo nezakhono.
2. Zonke izakhono zisasazekile kwixesha elinikiweyo.
3. Umxholo usasazekile kwiiveki zonke
4. Iiveki zokuqala ezi-3 kwiBanga 1 kufuneka zinikezelwe kwinkqubo yokulungela ukufunda ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bakulungele ukuya esikolweni.
5. Imixholo ethile kwiBanga R ibandakanyiwe kwiiveki zokuqala ezi-3 ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iikhonsepthi eziyimfuneko ziyaphuhliswa
6. Kufanele ukuba kubekho umanyano olomeleleyo phakathi kwezifundo, ngakumbi uLwimi kunye neZakhono zoBomi kwiiveki ezi-3 zokuqala ukuqinisekisa ukuba izakhono zengqiqo nokuqonda ziyaphuhliswa
7. Zonke izihloko kuLwimi zihamba zidibane, kwaye imisebenzi yemihla ngemihla ayichazwanga ngaxesha kuba ingenziwa nanini na imini le yonke.
8. Ukufunda kufuneka kulandele le miba ilandelayo: **Ixesha lokuGxila ekuFundeni nokuBhala ngokweNkcazelo yePolisi yeKharityhulam yokuHlola (CAPS)**. Ezi zikhumbuzi zibandakanyiwe njengoko kubonakala ngathi kukho ukuqondwa okwahluke kancinane koko kuthethwa liXesha lokuGxila nokuFunda kwiNkcazelo yeKharityhulam yokuHlola (CAPS.)
 - **Ixesha lokuGxila ekuFundeni nokuBhala** lihlanganisiwe (malunga neyure enye) apho ukuFunda noTitshala nokubhala ngokwaBelana kuthatha iMizuzu eli-15 yokuqala. Emva koko, nangona ikwanxulunyaniswe nezakhono ezifundwe kwiNkqubo yokuFunda noKwabelana/yokuBhala noTitshala, umsebenzi okwinqanaba lamagama nezivakalisi wenziwe (umz. Izandi). Oku kuthatha malunga nemizuzu elishumi.
 - Emva koko, kukuFunda ngamaQela akhokhelwa nguTitshala, abafundi bahlelwa ngokwamaqela okukwazi ukufunda.
 - Ngexesha lokugxila ekufundeni nasekubhaleni, kubekwa isiseko solawulo lwezakhono ezifunekayo kufundo nomlingane, ukufunda ngokuzimeleyo nokubhala ngokuzimeleyo okuwela NGAPHANDLE kwexesha ekugxilwe kulo lokuFunda nokuBhala
 - Izakhono nolwazi olusuka kwiindawo ezahlukeneyo ziyakuxhasa oku kwaye azizimelenga zodwa
9. Nanini na xa kusenziwa umsebenzi wamaqela, ukuqelelana makubekwe iliso.
10. Ootitshala mabahlale benxibelelana nootitshala bamabanga adlulileyo (ukuba kunokwenzeka) ukuze kungabikho zikhewu zenziwayo kutshintsho phakathi kwamabanga

IZIKHOKHELO ZOHLOLO: UKUHLOLA OKUSISEKO/ UKUHLOLA OKUBONISA UKULUNGELA OKUTHILE

- Kufuneka lwenziwe kwiveki yesi-2 neye-3 yokubuyela esikolweni. Vumela abafundi ukuba bazinze kwiiklasi zabo ezintsha phambi kokuqala uhlolo.
- Ukuhlola okusiseko akufuneki ukuba kube yinto eme yodwa koko makunxulunyaniswe nenkqubo yokufunda nokufundisa.
- Kufuneka kwenziwe ngokungacwangciswanga kwaye ubukhulu becala nge-oral.
- Imisebenzi yohlolo iya kugxila kumxholo wamabanga adlulileyo.
- Injongo yemisebenzi iya kuba kukumisela inqanaba labafundi ukukhokela inkqubo yokufunda nokufundisa kwindlela eya phambili.
- Utitshala angadibanisa uhlolo lwezakhono apho kunokwenzeka.
- Zonke izakhono zibandakanyiwe nokuba zifundisiwe na ngowama-2020. Ootitshala bangasebenzisa ubulumko babo ukuba abafuni kuvavanya zonke izakhono.

UHLLOLO OLUSEKELWE ESIKOLWENI

- **Uhlolo luqhubeka rhoqo kwiSigaba seSiseko.**
- **Uhlolo lunokwenzeka kuphela kumxholo ofundisiweyo.**
- **ICandelo lesi-4 elifinyeziweyo (The Abridged Section 4) kufuneka lisetyenziselwe lonke uhlolo.**

Isicwangciso sokuFundisa soNyaka wama-2021-Ikota yoku-1: ISIHLOKO: IsiXhosa HL iBanga 1

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola -Isihloko	UKUMAMELA NOKUTHETHA						
	Ixesha elincinci: imizuzu engama-45 (3 x 15 imizuzu)						
	Elona xesha liphezulu: iyure e-1 (4 x 15 imizuzu)						
Ikota 1 Iintsuku 45	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> • Chonga ze uchaze izinto ezifanayo nezahlukeyo • Utshatise izinto ezihamba kunye ze uthelekise ezahlukeyo • Cula iingoma nezicengcelezo ze wenze imidlalo eyodwa ngokuzithemba • Cengceleza imibongo nezicengcelezo ze wongeze ngokuzithemba • Thetha ngemifanekiso ekwiipowusta, iitshati zemixholo, neencwadi • Mamela imiyalelo elula (iinkqubo zegumbi lokufundela) ze uphendule ngokufanelekileyo • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Mamela imiyalelo elula (imizila yeklassi) uphendule • Mamela ngaphandle kokuphazamis a, ubonisa imbeko kwisithethi • Mamela amabali ubonisa ukuqonda ngokuphendul a imibuzo enxulumene nebali • Landelelanisa imifanekiso enxulumene nebali • Hlela izinto ngokweendlela • Mamela iingxaki unike isisombululo • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Thetha ngamava akho • Phendula imibuzo efana nemibuzo enxulumene neenkucakha zakho • Ukucula iingoma wenze neentshukumo • Ukumamela imiyalelo elula (imizila yeklassi) uphendule • Khetha iinkcukacha ezikhethiweyo kwinkcazo yomlomo • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Mamela ngaphandle kokuphazamis a • Thetha ngamava akho • Cula iingoma wenze neentshukumo • Mamela imiyalelo elula (imizila yeklassi) uphendule • Mamela amabali, izicengcelezo, imibongo neengoma ngomdla, ulinganise ibali, ingoma okanye isingqisho • Chaza izinto ngokobungakanani bombala, isimo namanani usebenzisa isigama esichanekileyo 	<ul style="list-style-type: none"> • Mamela ngaphandle kokuphazamis a • Thetha ngamava akho • Cula iingoma wenze neentshukumo • Chaza izinto ngokobungakanani bombala, imilo, amanani usebenzisa isigama esichanekileyo • Thetha ngemifanekiso ekwiipowusta, iitshati zemixholo, neencwadi • Landelelanisa imifanekiso yebali unxibelelana ngokubalisa nangokulandelelana kwezimvo 	<ul style="list-style-type: none"> • Mamela ngaphandle kokuphazamis a • Thetha ngamava akho • Cula iingoma wenze neentshukumo • Chaza izinto ngokobungakanani bombala, imilo, amanani usebenzisa isigama esichanekileyo • Thetha inxaxheba kwiingxoxo, ninikana amathuba okuthetha nihlonipha abanye kwiqela 	<p>UKUHLAZIYWA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Mamela ngaphandle kokuphazamis a • Thetha ngamava akho • Cula iingoma wenze neentshukumo • Landelelanisa imifanekiso yebali unxibelelana ngokubalisa nangokulandelelana kwezimvo

INkcazelo yePolisi yeKarityhulam nokuHlola - Isihloko	<p style="text-align: center;">IZANDI <i>(ixesha elincinane 5 x 15 imizuzu ngeveki; Ixesha elininzi 5 x 15 imizuzu ngeveki)</i> Fundisa izandi ezitsha esi-1 ukuya kwezi-2 kwiveki nganye</p>						
Ikota 1 Iintsuku 45	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> • Yohlula izivakalisi ze-oral ubiza igama ngalinye umz. uqhwaba kwigama ngalinye kwisivakalisi • Yahlula-hlula amagama anamalungu amaninzi ubiza ilungu ngalinye: uqongqothwane : u-qo -ngqo- thwa -ne • Nakana izandi ekuqaleni kwamanye amagama • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Nakana ze unike amagama kwabanye oonobumba abanjengoonob umba abasegameni lakho • Qala ukuqonda ukuba amagama akhiwe zizandi ezifana nesiqalo soonobumba begama lakho. • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Yahlula phakathi kwezandi zokuqala zamagama • Thatha inxaxheba kwimisebenzi ye-oral yokwazisa abafundi ngezandi • Chonga unxibelelwano loonobumba besandi esithile • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Thatha inxaxheba kwimisebenzi ye-oral yokwazisa abafundi ngezandi • Chonga unxibelelwano loonobumba nesandi ujonge oonobumba abanye • Nakana ze uchaze amagama abanye boonobumba • Qala ngokwakha amagama amafutshane usebenzisa izandi ezifundiweyo 	<ul style="list-style-type: none"> • Thatha inxaxheba kwimisebenzi ye-oral yokwazisa abafundi ngezandi • Chonga unxibelelwano loonobumba nesandi ujonge oonobumba abanye • Nakana ze uchaze amagama abanye boonobumba • Qala ngokwakha amagama amafutshane usebenzisa izandi ezifundiweyo 	<ul style="list-style-type: none"> • Thatha inxaxheba kwimisebenzi ye-oral yokwazisa abafundi ngezandi • Chonga unxibelelwano loonobumba nesandi ujonge oonobumba abanye • Nakana ze uchaze amagama abanye boonobumba • Qala ngokwakha amagama amafutshane usebenzisa izandi ezifundiweyo 	<ul style="list-style-type: none"> • UKUHLAZIYA • Nakana ze unike amagama abanye oonobumba • Qala ukwakha amagama amafutshane usebenzisa izandi ezifundiweyo • Qala ukusebenzisa ukudibanisa oonobumba ukwenza amagama

INKcazelo yePolisi yeKharityhulam noHlolo - Isihloko		UKUFUNDA Kubalulekile ukufunda inqaku le-8 kwizikhokelo kwiphepha lokuqala. Ukufunda noTitshala: Ixesha elincinci: 3 x 15imizuzu ngeveki; Elona xesha lininzi: 5x15 imizuzu ngeveki						
Ikota 1 lintsuku 45		Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	Ukufunda	<ul style="list-style-type: none"> Tolika imifanekiso ukuyila izimvo Linganisa ibali, ingoma, isingqisho Funda iincwadi zemifanekiso .Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Qala ukufunda amagama abizwa rhoqo kwigumbi lokufundela 'Funda' imiyalezo efana naleyo ibhalwe ngutitshala .Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Yahlula imifanekiso kubhalo olushicilelweyo Nakana unxibelelwano lwezandi zoonobumba besandi esinye Khumbula iinkcukacha ze uchaze umbono ophambili .Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	Izakhono zokufunda ezisakhulayo zifundiswa ngexesha lokuFunda noTitshala nokufunda ngamaQela akhokhelwa nguTitshala <ul style="list-style-type: none"> Bamba incwadi ngendlela efanelekileyo ze utyhile amaphepha ngokuchanekileyo Sebenzisa imifanekiso ukuqikelela ukuba lingantoni na ibali: ufunda iincwadi zemifanekiso Tolika imifanekiso ukwenza ibali lakho, oko kukuthi, „ufunda“ imifanekiso Qokelela ufunde iilogo namanye amagama kushicilelo lokusingqongileyo Nakana igama lakho namagama abahlobo bakho abalishumi Funda oonotsheluzo kunye neenkcazo kwigumbi lokufundela Xoxa ngokuphathwa kwencwadi nokuyikhathalela Mamela uxoxe ngamabali kunye nezinye izicatshulwa ezifundwa ngokuvakalayo Phuhlisa imixholo esisiseko soshicilelo kubandakanya: <ul style="list-style-type: none"> Umxholo wencwadi - uqweqwe, umphambili, umva, isihloko Umxholo wesicatshulwa- igama, amagama afanayo, unobumba, amagama oonobumba, unxulumano lomnye komnye Isikhokelo: sokufunda: qala ukufunda ngaphambili, uphele ngasemva; funda ukusuka ekhohlo usiya ekunene usuka phezulu usiya ezantsi ephepheni, kuqala, ekugqibeleni, amagama aphakathi okanye oonobumba okanye indawo kwiphepha Iimpawu zokubhala: unobumba omkhulu, unobumba omncinci, isingxi, ikoma, uphawu lombuzo 			
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	Ukufunda noTitshala	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi ezinkulu niyiklasi kunye notitshala .Uhlolo lokubonisa ukulungela ukufunda 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi ezinkulu niyiklasi kunye notitshala Gxila kwimixholo eshicilelweyo .Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi ezinkulu niyiklasi kunye notitshala Sebenzisa isihloko sencwadi kunye nemifanekiso ukuqikelela umxholo webali .Uhlolo lokubonisa ukulungela 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe yankulu yabonakala, niyiklasi kunye notitshala Gxila kwiimpawu zetekisi Gxila kwingqiqo nokuqonda 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe yankulu yabonakala, niyiklasi kunye notitshala Gxila kwizandi nezicwangciso zokuchonga amagama Gxila kwingqiqo nokuqonda 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ezinkulu okanye itekisi eyenziwe yankulu yabonakala, niyiklasi kunye notitshala Gxila kwingqiqo nokuqonda 	

				<i>okuthile</i>				
--	--	--	--	-----------------	--	--	--	--

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko		UKUFUNDA						
		UkuFunda ngamaqela akhokhelwa nguTitshala: 2 x 15 imizuzu ngosuku iintsuku ezi-5 (amaqela ama-2 yonke imihla) UkuFunda ngokuzimela/ ukuFunda nomlingane: 2x ngeveki						
Ikota 1 Iintsuku 45	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)	
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	UkuFunda ngamaQela akhokhelwa nguTitshala	<ul style="list-style-type: none"> Bamba incwadi ngendlela efanelekileyo ze utyhile amaphepha ngokuchanekileyo Nakana igama lakho Xoxa ngokuphathwa kwencwadi nokuyikhathalela Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Qala ukwakha amagama abonwa njalo Qala ukuqonda ukuba amagama enziwe ngezandi njengoonobumba abaqalayo xa ubhala igama lakho. Phuhlisa imixholo esisiseko soshicilelo Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Isikhokelo sokuFunda umz. uqala ukufunda ekuqaleni, ufunde ukusuka ekhohlo ukuya ekunene njalo njalo Qala ukwakha amagama abonwa njalo Sebenzisa imifanekiso ukwenza ibali lakhe ('ufunda' imifanekiso) Nxulumanisa izandi koonobumba namagama Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile 	<ul style="list-style-type: none"> Funda ngokuvakalayo encwadini yakho kumaqela okufunda notitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye Qala ukwakha amagama abonwa njalo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda ngokuvakalayo encwadini yakho kumaqela okufunda ekhokhelwa ngutitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye Qala ukwakha amagama abonwa njalo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda ngokuvakalayo encwadini yakho kumaqela okufunda ekhokhelwa ngutitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye Qala ukwakha amagama abonwa njalo 	<ul style="list-style-type: none"> Funda ngokuvakalayo encwadini yakho kumaqela okufunda ekhokhelwa ngutitshala, oko kukuthi, iqela lonke lifunda ibali elinye Qala ukwakha amagama abonwa njalo

	UkuFunda ngokuzimela	<ul style="list-style-type: none"> Funda imifanekiso encwadini 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi 	<ul style="list-style-type: none"> Funda iincwadi ngokuzimela ekhayeni, utyhila amaphepha ngokuchanekileyo ubonisa nokuhlonipha iincwadi
--	-----------------------------	---	---	---	---	---	---	---

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola - Isihloko	<p style="text-align: center;">UKUBHALA 2 x 15 imizuzu ngeveki Ukwakha, ukunxibelelana ,ukuFunda noTitshala, iingxoxo kunye namava akho</p>						
Ikota 1 Iintsuku 45	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> • Zoba imifanekiso ukwabelana ngomyalezo ngento eyenzeke kuwe • Bhala ujonge koonobumba kunye namanani axhonywe kwigumbi lokufundela xa kubhalwa • <i>'Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Zoba imifanekiso ukwabelana ngomyalezo ngento eyenzeke kuwe • Khuphela ubhale igama lakho • Khuphela izivakalisi ezifutshane ezibhalwe ngutitshala • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Zoba imifanekiso ukwabelana ngomyalezo ngento eyenzeke kuwe • Khuphela ubhale igama lakho • Khuphela izivakalisi ezifutshane ezibhalwe ngutitshala • <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> • Kopa ubhale igama lakho, amagama amafutshane kunye nezivakalisi ezivela koonotsheluzi, iipowusta, nasebhodini • Khuphela isivakalisi esinye esineendaba ebhodini ngokuchanekileyo • Nika izimvo zakho kuBhalo ngoKwabelana kulungiselelwa ibali leklasi elirekhodwe ngutitshala esenza iitekisi ezintsha zokufunda 	<ul style="list-style-type: none"> • Khuphela isivakalisi sibe sinye seendaba ebhodini ngokuchanekileyo • Nika izimvo zakho kuBhalo ngoKwabelana kulungiselelwa ibali leklasi elirekhodwe ngutitshala esenza iitekisi ezintsha zokufunda • Zoba umfanekiso uchaza umyalezo • Bhala isihloko esichaza umfanekiso 	<ul style="list-style-type: none"> • Khuphela isivakalisi sibe sinye seendaba ebhodini ngokuchanekileyo • Nika izimvo zakho kuBhalo ngoKwabelana kulungiselelwa ibali leklasi elirekhodwe ngutitshala esenza iitekisi ezintsha zokufunda • Qala ubonisa ukurekhodwa okubhaliweyo ngemizobo, oonobumba, amanani, amagama nezivakalisi ezilula 	<p>UHLAZIYO</p> <ul style="list-style-type: none"> • Khuphela isivakalisi sibe sinye seendaba ebhodini ngokuchanekileyo • Nika izimvo zakho kuBhalo ngoKwabelana kulungiselelwa ibali leklasi elirekhodwe ngutitshala esenza iitekisi ezintsha zokufunda

Ikota 1 Iintsuku 45	Iveki 1 (iintsuku 3)	Iveki 2	Iveki 3	Iveki 4 & Iveki 5	Iveki 6 & Iveki 7	Iveki 8 & Iveki 9 (iintsuku 4)	Iveki 10 (iintsuku 3)
NPKH Isihloko	UKUBHALA NGESANDLA 4 x 15 imizuzu ngeveki						
Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	<ul style="list-style-type: none"> Dlala izicengcelezo zeminwe Dlala umdlalo wokuganga usebenzisa iingxowa zeembotyi neebhola ezinkulu Landela ulwandlalo olulula lweepatheni zemifanekiso kunye negama lakho apho indawo ekuqalwa kuyo nendlela elandelwayo zibonisiwe <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Bakha oonobumba ngemizimba yabo ngababini okanye umntu eyedwa Bakha oonobumba besebenzisa ipeyinti yeminwe, iibhrashi zepeyinti, neekhrayoni ze-wekhsi Bamba iikhrayoni ngokuchaneki leyo ubonisa ukongamela <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Zoba ngekhrayoni yewekhsi Yakha umkhombandlela Yenza oonobumba okanye izinto zokudlala usebenzisa udongwe Landela ulwandlalo ubhala igama lakho <i>Uhlolo lokubonisa ukulungela okuthile</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Funda ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile Khulisa ukulungelelanisa phakathi kwesandla neliso xa kupeyintwa, kukrazulwa amaphepha, kusikwa nomsebenzi wokutreyisa Zoba iipatheni: zig-zag Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo <i>Lungelelanisa ukufundiswa koonobumba abancinci kwinkqubo yezandi</i> 	<ul style="list-style-type: none"> Yakha ukulungelelanisa phakathi kwesandla neliso xa kupeyintwa, kukrazulwa amaphepha, kusikwa nomsebenzi wokutreyisa Zoba iipatheni: iipatheni ezime nkqo Treyisa ukhuphele igama lakho Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo 	<ul style="list-style-type: none"> Yakha ukulungelelanisa phakathi kwesandla neliso xa kupeyintwa, kukrazulwa amaphepha, kusikwa nomsebenzi wokutreyisa Zoba iipatheni: iipatheni ezixwesileyo Treyisa ukhuphele igama lakho Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo Khangela ze ubhale igama lakho, amagama amafutshane kunye nezivakalisi ezivela koonotsheluzi, kwiiipowusta, nasebhodini. 	<ul style="list-style-type: none"> Yakha ukulungelelanisa phakathi kwesandla neliso xa kupeyintwa, kukrazulwa amaphepha, kusikwa nomsebenzi wokutreyisa Zoba iipatheni Yakha oonobumba abancinci ngokuchanekileyo

Ulwazi olufunwa ngaphambili	IBanga R Imixholo enguNdoqo, izakhono nezithethe	
Izixhobo (ngaphandle kweencwadi zokufunda) ukuphucula ukufunda	<ul style="list-style-type: none"> • lincwadi ezilandelelanayo zokufunda • Oonotsheluzi • lincwadi zomsebenzi ze-DBE • lincwadi Ezinkulu • Imifanekiso • lipowusta 	
Uhlolo lokuFunda	UHLULO OLUBONISA UKULUNGELA OKUTHILE	<ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi mayijongwe kwaye ihlolwe ngethuba lemisebenzi yemihla ngemihla kwizifundo zoLwimi. • Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wohlolo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo nangokwenza.
SBA	IKOTA 1 UHLULO	<ul style="list-style-type: none"> • Imisebenzi mayijongwe kwaye ihlowe ngethuba lemisebenzi yemihla ngemihla kwizifundo zoLwimi. • Isakhono ngasinye asenzelwanga ukuba sibe ngumsebenzi wovavanyo kodwa kufuneka siqinisekise ukuba abafundi banikwa amathuba okubonisa ezi zakhono ngomlomo, ngokuziqhelanisa nokubhala. • Uholo lunokwenzeka kuphela ukuba iikhonsepthi zifundisiwe kwaye abafundi banikwe ixesha elaneleyo lokuziqhelanisa. • Uhlolo lwemisebenzi ye-Orali kufuneka ludityaniswe neZakhono zoBomi neMathematika xa kunokwenzeka. • Uhlolo yinkqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuqokelela, ukurekhoda, ukutolika, ukusebenzisa nokunika ingxelo ngolwazi malunga nenkqubela phambili yomntwana kunye nokuphumelela kwakhe ekuphuhliseni ulwazi, izakhono kunye neendlela zokucinga. • Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba umsebenzi wohlolo ngamnye akufuneki ukuba ubonwe njengesiganeko esinye okanye uvavanyo, kodwa kufuneka uthobele imigaqo yohlolo oluqhubekayo maxa onke. <p>UKUMAMELA NOKUTHETHA Balisa kwakhona iindawo eziphambili zebali eliqhelekileyo, kwibali elibaliswayo okanye elifundwayo</p> <p>IZANDI I-Orali nokuBhala: chonga unobumba omnye unobumba onesandi sonxibelelwano nabanye oonobumba (oonobumba nezikhamiso) (Ixesha lokufunda ekugxilwe kulo: Iseshoni yezandi egxininisiweyo)</p> <p>UKUFUNDA I-Orali: UkuFunda ngamaQela aKhokhelwa nguTitshala (GGR). Funda ngokuvakalayo kwincwadi yakho ngexa utitshala ekweyakhe (ukuqonda amagama, ukufunda ngengqiqo nokuqonda) (Kwixesha ekugxilwe kulo lokufunda) I-Orali: Qikelela ibali ngokusebenzisa imifanekiso; funda iincwadi zemifanekiso Izakhono zengqiqo nokuqonda: Landelelanisa iziganeko ezi-3 ngokwenzeka kwazo (Kwixesha ekugxilwe kulo lokufunda)</p> <p>UKUBHALA Zoba imifanekiso ukuhambisa umyalezo umz. amava am Khuphela iintloko kunye nezivakalisi Nika izimvo zakho kwibali elibhalwayo eklasini</p> <p>UKUBHALA NGESANDLA Bhala oonobumba abancinci ngokuchanekileyo</p>